# Isiqulatho


## Indawo endihlala kuyo

Iveki yoku-1
IzaKhono zoBomi: Imithetho yokukhathalela iincwadi ........ 1
UkuFunda noTitshala: UThabo ubhalisa kwithala leencwadi ........ 2

Iveki yesi-2
IzaKhono zoBomi: Iindawo ezikhoyo kwilali yethu ........ 6
UkuFunda noTitshala: Abantu abanceda wonke umntu ........ 7

## Izilo-qabane

Iveki yesi-3
IzaKhono zoBomi: Iimfuno zezilo-qabane ........ 11
UkuFunda noTitshala: Ikati elambileyo ........ 12

## Isimilo kunye noxanduva

Iveki yesi-4
IzaKhono zoBomi: Uluhlu lokujonga isimilo esilungileyo ........ 16
UkuFunda noTitshala: UTshikana ihagwana ........ 17

## Izityalo kunye nembewu

Iveki yesi-5
IzaKhono zoBomi: Ukukhula kwesityalo sembotyi ........ 21
UkuFunda noTitshala: Isityalo sam sembotyi ........ 22

Iveki yesi-6
IzaKhono zoBomi: Iindidi zezityalo ........ 26
UkuFunda noTitshala: UMajeke nomthi weembotyi ........ 27




## Ukutya

Iveki yesi-7
IzaKhono zoBomi: Kufumaneka phi ukutya? ........ 31
UkuFunda noTitshala: Isuphu emnandi nembi ........ 32

Iveki yesi-8
UkuFunda noTitshala: Isuphu emnandi nembi ........ 36
IzaKhono zoBomi: Izimuncu-muncu ezinesondlo ........ 40

Iveki ye-9
IzaKhono zoBomi: Iintlobo-ntlobo zokutya ezintlanu ........ 41
UkuFunda noTitshala: Ukwenza isaladi yeziqhamo ........ 42

# Imithetho yokukhathalela iincwadi

| Akulunganga ✗ | Kulungile ✓ | Umthetho |
|---|---|---|
|  |  | Bamba incwadi ngezandla ezicocekileyo. |
|  |  | Vula incwadi yakho ngenkathalo. |
|  |  | Tyhila amaphepha ngobunono. |
|  |  | Gcina iincwadi zakho ngononophelo. |
|  |  | Sebenzisa isahluli maphepha. |
|  |  | Musa ukuyirhoqoza incwadi. |

**Iveki yoku-1**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Yintoni umthetho?
- Yeyiphi imithetho oyaziyo?
- Kutheni sidinga imithetho nje?

**Ukufunda**
- Jonga itheyibhuli. Funda izihloko.
  – Olu phawu ✗ lubonakalisa izinto ekumele **singazenzi**.
  – Olu phawu ✓ lubonakalisa izinto ekumele **sizenze**.

**Emva kokufunda**
- Cela abafundi abohlukeneyo ukuba balinganise umthetho ngamnye. Inxalenye yeklasi mayiqashele ukuba ngowuphi loo mthetho.

# UThabo ubhalisa kwithala leencwadi

**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**
Kwisifundo ngasinye, lifunde lonke ibali, uze ulifunde kwakhona nabafundi, ubuze imibuzo ngesifundo salo mini emva kwephepha ngalinye.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba uThabo uyakuthanda ukufunda nomalume wakhe? Kutheni usitsho?
- Ingaba le ncwadi ingantoni? Wazi njani?
- Bahleli phi? (*eyadini*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wegama elithi, **incwadi**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**m**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**


- Ungathanda ukuyifunda incwadi kaThabo?
- Ungathanda ukufunda ngantoni?
- Ngamanye amaxesha uzifunda nabani iincwadi?



UThabo unikwe incwadi entsha ngumalume wakhe.



# Emva koko, uThabo ufunda incwadi kwakhona.



# UThabo ushiye incwadi phandle yaze yamanzi.

**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ingcoliswe yintoni incwadi? (*yiminwe*)
- Kutheni ucinga ukuba izandla zikaThabo zimdaka? (*Udlala ibhola ekhatywayo.*)
- Kuye kwenzeka ntoni ukungena kukaThabo. (*Ushiye incwadi phandle, kwaqalisa ukuna.*)
- Kwenzeka ntoni xa incwadi imanzi? Ungakwazi ukuphinda uyifunde? (*Amaphepha ayashwabana, adibane kubenzima ukuyityhila nokuyifunda.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wegama elithi, **phandle**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**k**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ziintoni izinto ezinokuhlala emvuleni? (*izityalo, izitulo zaphandle, iiemele, iimoto*)
- Zeziphi izinto ezonakaliswa yimvula? (*iincwadi, amaphephandaba, impahla yendlu nezinye izinto zokudlala*)
- UThabo wophule eyiphi imithetho yokukhathalela iincwadi?

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Yintoni ithala leencwadi? (*Yindawo ebolekisa ngeencwadi.*)
- Ucinga ukuba kutheni kufuneka uzigcine ngenkathalo iincwadi ozibolekileyo? (*Zenzelwe ukuba zifundwe ngumntu wonke.*)
- Uzive njani uThabo xa uVera ebonise incwadi yakhe? Kutheni usitsho?
- Wayefundisa ntoni utitshala? (*umkhombandlela usebhodini*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wegama elithi, **ithala leencwadi**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**v**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe walibona ithala leencwadi? Phi?
- Ingaba abantwana bangakwazi ukuzibhalisa ngokwabo kwithala leencwadi? Kutheni kufuneka kubekho umntu omdala?




UVera ubonisa abafundi incwadi ayithathe kwithala leencwadi.



UThabo ubhalise kwithala leencwadi. Uthembisile ukuba uza kuyikhathalela incwadi yakhe.

**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani obeka isitampu ezincwadini? (*ngusothala*)
- Ngubani onceda uThabo ekubhaliseni kwithala leencwadi?
- Ucinga ukuba ingantoni incwadi kaThabo?
- Angayikhathalela njani uThabo incwadi yakhe? (*ayifake kwiplastiki, ayigcine kwindawo ekhuselekileyo ekhaya, ingaphathwa ngabantwana, inganethwa, ahlambe izandla phambi kokuba ayiphathe*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wamagama athi, **ubhalise** no-**uthembise**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**l**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungathanda ukufumana eyiphi incwadi kwithala leencwadi?
- Kutheni kufuneka siziphathe ngononophelo iincwadi esizifumana kwithala leencwadi?
- Babonise bonke oonotsheluza bale veki. Funda la magama ngokukhawuleza.

# Iindawo ezikhoyo kwilali yethu




**Iveki yesi-2**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Zeziphi ezinye iindawo ezisekuhlaleni ezinokusetyenziswa ngumntu wonke?

**Ukufunda**
- Ingaba ziyafumaneka ezi ndawo kule lali: ipaki? ivenkile? icawe? iklinikhi? iholo? isikhululo samapolisa? ithala leencwadi?
- Indawo nganye yenzelwe ntoni? Ngoobani abasebenzisa ezi ndawo? Okanye, ngoobani abasebenza kuzo?

**Emva kokufunda**
- Xoxani ngeendawo zale lali, zeziphi ezifanayo nezahlukileyo kweyakho indawo yokuhlala.

# Abantu abanceda wonke umntu

## Ngubani onokukunceda xa wophukile?



## Ugqirha nonesi bangakunceda.

**Iveki yesi-2**

**UkuFunda noTitshala**

Kwisifundo ngasinye, lifunde lonke ibali, uze ulifunde kwakhona nabafundi, ubuze imibuzo yesifundo saloo mini emva kwephepha ngalinye.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani onceda intombazana?
- Ngubani onceda ugqirha?
- Baphi? (*ekliniki, esibhedlele, kwigumbi lokuxilongela*)
- Ucinga ukuba iziva njani intombazana? Wazi njani?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **ugqirha nonesi**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**ph**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wagula? Sibalisele.
- Wancedakala njani?

# Xa ufuna ukwazi ukufunda nokubhala, ngubani onokukunceda?

**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Umntu okufundisayo umbiza bani?
- Basebenza phi ootitshala?
- Zeziphi iintlobo zootitshala esinazo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **utitshala** no-**wonke umntu**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**f**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngababini, cingani ngezinto ezenziwa ngootitshala.
- Linganisa into eyenziwa ngutitshala ze abanye abafundi baqashisele ukuba wenza ntoni?



# Utitshala angakunceda.

# Ngubani onokukunceda xa ulahleka?




**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ungenza ntoni xa unokulahleka?
- Lingenza ntoni ipolisa ukukunceda?
- Yintoni enye eyenziwa ngamapolisa?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wegama elithi, **ipolisa**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**d**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wayibona inja yamapolisa? Kwakuphi? Yayisenza ntoni?
- Kutheni amapolisa enxiba iyunifomu? (*Ukuze wazi ukuba uncedo ungalucela kubani.*)
- Usibona ngantoni isakhiwo samapolisa?
- Uyibona ngantoni imoto yamapolisa? (*ngesibane esizuba*)

# Amapolisa angakugodusa.

# Ngubani onokukunceda xa kusitsha?

**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani ocima umlilo omkhulu?
- Abacimi-mlilo bawucima ngantoni umlilo?
- Kutheni kufuneka ubize umntu omdala xa ubona umlilo? (*Umlilo unobungozi kwaye xa umlilo usemncinci kufuneka umntu omdala awucime ngokukhawuleza, kodwa ukuba umlilo umkhulu, makafowunele abacimi-mlilo.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba igama elithi, **umlilo**.
- Khangelani amagama anesandi u-**k**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wawubona umlilo?
- Phi? Kwakusenzeka ntoni?
- Babonise bonke oonotsheluza bale veki. Funda la magama ngokukhawuleza.



Umcimi-mlilo angakunceda.

# Iimfuno zezilo-qabane



**Ukuzihlaziya:**
Izilo-qabane kufanele zidlale okanye zibaleke. Mazingabotshelelwa okanye zishiywe elangeni.








**Indawo yokuhlala:**
Izilo-qabane mazihlale kwindawo efudumeleyo neyomileyo.





**Ububele:**
Izilo-qabane azikwazi ukuthetha kodwa ziyaziva iintlungu kunye nesithukuthezi. Kufanele siziphathe ngobubele.





**Ukutya:**
Izilo-qabane kufanele zitye yonke imihla.



**Amanzi:**
Izilo-qabane zifuna amanzi okusela acocekileyo yonke imihla.





**Iveki yesi-3**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Yintoni isilo-qabane? Unaso wena? Khawusibalisele ngaso.

**Ukufunda**
- Jonga imifanekiso ekwimephu yengqondo.
  – Zeziphi izilo-qabane ozibonayo phakathi?
- Fundani kunye izihloko.
- Fundela abafundi iinkcukacha.
- Ingaba isixelela ntoni le mephu yengqondo?

**Emva kokufunda**
- Yintoni iSPCA? Bazinceda njani izilwanyana?

# Ikati elambileyo

Ngenye imini ndabona ikati eyadini yethu. Yayikhangeleka ilambile.



Umnakwethu wathi, “Masibize umama.”

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**
Kwisifundo ngasinye, lifunde lonke ibali, uze ulifunde kwakhona nabafundi, ubuze imibuzo ngesifundo salo mini emva kwephepha ngalinye.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani obalisa ibali? Wazi njani?
- Wazi njani ukuba ikati ilambile?
- Kwakutheni ukuze abantwana babize umama wabo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Ziimpawu zantoni ezi? (Zisixelela ntoni? *Khomba kwiimpawu zokuthetha.*)
- Babonise unotsheluza wamagama athi, **ikati** no-**ilambile**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**th**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda amagama akwiimpawu zokuthetha ngendlela eyahlukileyo.
- Ungakuthanda ukunika ikati elambileyo ikhaya? Kutheni usitsho?
- Ungathanda ukwenza ntoni ukunceda isilwanyana esilambileyo?

“Singayigcina le kati mama?” Ndabuza.



Iveki yesi-3

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Intombazana yacela ntoni kumama wayo?
- Wathini umama wabo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Ndibonise iimpawu zokuthetha kweli phepha?
- Babonise unotsheluza wegama elithi, **ukuyikhathalela**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**th**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Yintoni ekufanele bayenze abantwana ukuncedisana nokukhathalela ikati? (*ifunelwe indawo yokulala, ukutya kunye namanzi*)
- Ungathanda ukugcina isilwanyana? Kutheni usitsho?

Umama wathi, “Ningayithatha ukuba niza kukwazi ukuyikhathalela.”

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Abantwana bayipha okuphi ukutya ikati? (*Iikati zitya ukutya kweekati okusetotini, inyama, inkukhu okanye intlanzi.*)
- Yasebenzisa ntoni intombazana ukwenza ibhedi?
- Kwakutheni ukuze abantwana baphe ikati amanzi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Ingaba zikhona iimpawu zokuthetha kweli phepha?
- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **ukutya** no-**amanzi**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**ph**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungayithiya ngeliphi igama ikati yakho?
- Iikati zibanceda njani abantu? (*Ukubamba iimpuku.*)




Ikati ndayithiya igama elinguNkosazana. Sayenzela indawo yokulala. Sayipha ukutya namanzi yonke imihla.

# Ngenye intsasa ndafumana ummangaliso!




Umama wathi, “Siza kuzifunela amakhaya alungileyo xa zikhulile.”

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wawuyintoni ummangaliso?
- Ngubani oza kutyisa iikatana xa zincinci? (*ngumama ukati*)
- Yintoni oyiqwalaselayo ngamehlo eekatana? (*Avalekile kodwa aza kuvuleka xa zikhulile.*)
- Ingaba kulungile ukuba intombazana iziphakamise iikatana? (*Hayi, mayilinde zibendadlana kwaye namehlo avuleke.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba kuphawu lokukhuza.
  - Sithi yintoni olu phawu?
  - Lusixelela ntoni?
- Khomba igama elithi, **iikatana**.
- Khangelani amagama anesandi u-**y**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Yintoni oyifundileyo ebalini emalunga neekati?
- Sesiphi isilwanyana ongathanda ukubanaso njenge silo-qabane sakho? Kutheni usitsho?
- Bonisa bonke oonotsheluza bale veki. Funda oonotsheluza ngokukhawuleza.

# Uluhlu lokujonga isimilo esilungileyo

**Namhlanje, ingaba ...**





- [ ] sibabulisile abantu abadala?
- [ ] sibabulisile abanye abantwana?



- [ ] simile emigceni ngokuzolileyo?
- [ ] simamele eklasini?






- [ ] siye salindela elethu ithuba lokuthetha?
- [ ] siye sazihlonipha izinto zabanye?







- [ ] siye saxolisa?
- [ ] siye sathi enkosi?






- [ ] siye sabelana nabanye?
- [ ] siye sathimla saze sakhohlela ngokufanelekileyo?



- [ ] siye sabonakalisa ukulunga kwabanye?



**Iveki yesi-4**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Kukuthini ukuba nesimilo esihle? Kubaluleke ngantoni ukuba nesimilo esihle? Kutheni kufuneka sibenesimilo esihle, sibonakalise noxanduva esikolweni?

**Ukufunda**
- Yintoni uluhlu?
- Kwinqaku ngalinye:
  - Funda nize nixoxe ngoko likuchazayo.
  - Amavolontiya ayabonisa okanye ayalinganisa.
  - Xoxani ngokuba kutheni libalulekile.

**Emva kokufunda**
- Masiphinde silufunde kwakho olu luhlu ze siphawule izinto esizenzayo.

# UTshikana ihagwana

"Kufuneka ubenesimilo. Babulise abantu," watsho uMama uHagu.



Kodwa uTshikana wathi, "Hayi! Andifuni!"

**Iveki yesi-4**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba kutheni le hagwana ibizwa ngokuba nguTshikana?
- Yintoni le umama wakhe afuna ukuba ayenze?
- Kutheni uTshikana engafuni kumamela umama wakhe? (*ukrwada, nkqu nakumama wakhe, akakwazi ukubaluleka kwesimilo*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **isimilo** no-**bulisa**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**th**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungakufunda njani oko kuthethwa nguTshikana?
- Wakhe wadibana nomntu onetshiki? Wenza ntoni?
- Yintoni isimilo?

# UTshikana wadibana noDonki, uSele kunye noFudo.

**Iveki yesi-4**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Zeziphi izilwanyana ezabulisa uTshikana?
- Zathini xa zimbulisa?
- Wathini yena uTshikana kuDonki, uSele kunye noFudo?
- Ucinga ukuba zaziva njani zona ezi zilwanyana?
- Oku kusixelela ntoni ngoTshikana?
- Ucinga ukuba ngewayetheni uTshikana kwizilwanyana awadibana nazo? (*Ngewayezibulise ngembeko athi, 'Molweni ninjani?'*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wegama elithi, **Molo**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**z**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungakuthatha njani oko kuthethwa zizilwanyana? Ukanti oko kuthethwa nguTshikana?
- Uziva njani xa ungabuliswa ngabantu?
- Uyibulisa njani inqununu yesikolo sakho? Ootitshala bona? Abantu abadala bona? Abantwana bona?



# Inja yasefama yabona uTshikana yaze yamleqa.



**Iveki yesi-4**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni le ingalunganga yenziwa nguTshikana? Yamkelekile?
- Kulungile ukuba? (*Hayi, ukuba, kubonakalisa ukungathembeki/ ukungazihloniphi izinto zabanye.*)
- Ngewayenze ntoni uTshikana? (*Ngewayecele iidiliya kumfama.*)
- Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khangelani amagama anesandi u-**q**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe waya kwindawo ongavumelekanga ukuba uye kuyo? Sibalisele ukuba kwenzeka ntoni.
- Kutheni kubalulekile ukuba ungazithathi izinto ezingezo zakho?

Iveki yesi-4

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba uTshikana wade wafika ngethuba ecingweni?
- Zathini izilwanyana kuTshikana?
- Kutheni zingazange zimncede nje izilwanyana?
- Ucinga ukuba uTshikana angafunda isifundo kule nto imehleleyo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **ndicela** no-**uxolo**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**kh**.


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda oko kuthethwa nguTshikana nezilwanyana ngembonakalo enikisa umdla.
- Ukubulisa abantu, kukubonakalisa isimilo. Zeziphi ezinye izimilo ezilindelekileyo ebantwini? (*Ukuthi 'ndicela' nokuthi 'enkosi', ukuma emgceni ungabatyhali abanye, ukulinda de ubizwe okanye ibe lelakho ithuba lokwenza, ukuhlonipha izinto zabanye abantu, njalo njalo.*)
- Babonise bonke oonotsheluza bale veki. Funda la magama ngokukhawuleza.



# Wakhwaza uTshikana, "Ndicela nindincede!" Kodwa zathi zona izilwanyana, "Uxolo, kaloku sisile thina."

# Ukukhula kwesityalo sembotyi




1. Imbewu yembotyi ifumana ubushushu kunye namanzi.
2. Kuvela ingcanjana.
3. Ingcambu ikhula ibende ngaphantsi komhlaba.
4. Ingcambu ivelisa iingcanjana ezincinci ngaphantsi komhlaba.
5. Isiqu siqalisa ukukhula ngaphezulu komhlaba.
6. Amagqabi amabini aqalisa ukukhula.
7. Amagqabi akhula ngokukhula.

**Iveki yesi-5**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Bonisa abafundi isityalo.
- Chaza ukuba isityalo senziwa ngawaphi amalungu.
- Ngawaphi amalungu angaphantsi nangaphezulu komhlaba?

**Ukufunda**
- Jonga lo mzobo.
  - Ubonisa ntoni? Ingaba athetha ntoni amanani?
  - Uqwalasela ntoni ngomfanekiso ngamnye?
- Fundela abafundi iinkcukacha.

**Emva kokufunda**
- Abafundi bakhulisa imbewu esosini (jonga kwiNT Iph. 56).

# Isityalo sam sembotyi

Igama lam ngu-Amanda. Ndikhulise isityalo sembotyi.

**Iveki yesi-5**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Waqala wenza ntoni u-Amanda?
- Kwakutheni limanzi nje iphepha? Phendula ngokusebenzisa ulwazi onalo malunga ngezityalo.
- Ingaba kufuneka aligcine limanzi iphepha u-Amanda? Ngoba kutheni?
- Wayibeka phi imbewu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **isityalo** no-**imbewu**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**ty**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ingaba le tekisi isichazela ngqo oko kwenzekileyo? Wazi njani?
- Kwisityalo sembotyi, yeyiphi indawo oyityayo?
- Wakhe wayityala na imbewu? Kwenzeka ntoni?



Okokuqala, ndigqume imbewu yembotyi ngephepha elimanzi. Ndaze ndayibeka elangeni.



Kuqale kwakhula ingcanjana ngaphantsi komhlaba. Kwaze kwakhula isiqu esinamagqabi ngaphezulu komhlaba. Ndasilima kwinkonkxa enomhlaba.

**Iveki yesi-5**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wazi njani u-Amanda ukuba isithole siyakhula?
- Ucinga ukuba kutheni u-Amanda kufuneka asilime emhlabeni isithole?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **enomhlaba** no-**sikhula**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**ph**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wayibona inkonkxa yeentyatyambo? Yayikhangeleka njani? (*Xoxa ngemingxuma efumaneka ngaphantsi kwayo namatye asezantsi komhlaba, la kanye enzelwe umjelo wamanzi.*)
- Ungawukha phi umhlaba wokugalela enkonkxeni?
- Ungasebenzisa ntoni endaweni yenkonkxa?

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kwakutheni ukuze u-Amanda ankcenkceshele isityalo sakhe rhoqo? Sebenzisa ulwazi onalo ngezityalo ukunika impendulo.
- Yintoni enye eyayifunwa sisityalo sembotyi ukuze sikhule? (*umhlaba, ilanga*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wegama elithi, **amagqabi**. Biza igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo ebalini.
- Khomba igama elithi **ndankcenkceshela**.
- Khangelani amagama anesandi u-**ty**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungasebezisa ntoni ukunkcenkceshela ukuba awunayo iketile yokunkcenkceshela?
- Ziwafumana njani amanzi izityalo ezikhula edlelweni?



Ndibeke inkonkxa elangeni ndaze ndankcenkceshela isityalo rhoqo. Isityalo sam sikhule amanye amagqabi.

# Sithe sakuba namagqabi oneleyo, ndasilima egadini yesikolo.



# Kungekudala siza kutya iimbotyi ezimnandi.

**Iveki yesi-5**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wasilima nini u-Amanda isityalo sembotyi egadini?
- Kutheni kukho intongana ecaleni kwesityalo nje?
- Ingaba kufuneka esinkcenkceshele rhoqo isityalo sakhe?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba igama elithi, **amagqabi**.
- Khangelani amagama anesandi u-**th**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba kulula okanye kunzima ukukhulisa izityalo zembotyi? Kutheni usitsho?
- Ucinga ukuba kuyimfuneko ukulima iimbotyi? Kutheni usitsho?
- Yintoni wena owakhe wayilima? Sibalisele ngayo?
- Babonise bonke oonotsheluza bale veki. Funda oonotsheluza ngokukhawuleza.

# Iindidi zezityalo

Zininzi iindidi zezityalo. Singazohlula-hlula ngolu hlobo:

**Imithi** zizityalo ezinesiqu esinye esomeleleyo kunye namasebe amaninzi.



**Izihlahla** azikho zikhulu njengemithi. Zineziqu ezininzi ezomileyo.



**Imifuno** mincinci kunezihlahla. Ineziqu ezithambileyo.



**Izityalo ezibhijelayo** zizityalo ezifuna ukuxhaswa okanye ukurhuqa emhlabeni.



**Ingca** inesiqu esidibeneyo, esivulekileyo kwakunye namagqabi amade abhityileyo.



**Ezi zityalo zibonakala zahlukile, kodwa zonke zineengcambu, iziqu, amagqabi, ezinye zibenazo neentyatyambo.**

**Iveki yesi-6**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Hlaziya iinxalenye zesityalo.

**Ukufunda**
- Fundani izihloko nikunye nijonge nemifanekiso.
- Fundela abafundi iinkcazelo.
- Ucinga ukuba zihlelwe njani ezi zityalo? Cacisa ukuba kutheni usitsho.

**Emva kokufunda**
- Hamba-hambani phandle kwindalo nichonge iintlobo zezityalo (jonga kwiNT iph. 68)

# UMajeke nomthi weembotyi

UMajeke nomama wakhe babehlupheka kakhulu. UMajeke wathengisa inkomo yabo wafumana iimbotyi zobugqi.

Iveki yesi-6
**UkuFunda noTitshala**



**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wayeyithengisela ntoni inkomo uMajeke?
- Umfama wamnika ntoni uMajeke ngenkomo?
- Ucinga ukuba uMajeke wayekhaliphile? Kutheni usitsho?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **iimbotyi** no-**umthi weembotyi**. Wabize la amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo asebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**kh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ngawaphi amanye amabali anemilingo owakhe waweva?

# Iimbotyi zakhula zangumthi omkhulu.

**Iveki yesi-6**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Iimbotyi zakhula zayintoni? Yalatha igama elixela loo nto?
- Ucinga ukuba kwakutheni ukuze uMajeke akhwele kulaa mthi wobugqi?
- Wabona ntoni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise oonotsheluza bamagama athi, **ukukhwela** no-**isigebenga**. Wabize la amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo ebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**ch**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba wawumde kangakanani umthi weembotyi? Wawufikelela esibhakabhakeni? Ezinkwenkwezini? Enyangeni?
- Ucinga ukuba side kangakanani isigebenga? Ingaba isigebenga singafika kuphahla lwendlu ngobude? Umthi omkhulu? Indlulamthi?



UMajeke wakhwela waya enkcochoyini. Wabona isigebenga silele.

UMajeke wabona isikhukukazi sizalela amaqanda egolide. Wasithatha isikhukukazi.




Kodwa savuka isigebenga.

**Iveki yesi-6**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- UMajeke wayesithathela ntoni isikhukukazi? (*Kuba wayehlupheka kakhulu, kwaye isikhukukazi sasizalela amaqanda egolide – babonise ukuba ifumaneka njani impendulo kwiphepha lesibini.*)
- Savuswa yintoni isigebenga? Yolatha amagama abonisa impendulo.
- Ucinga ukuba siza kwenza ntoni isigebenga?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Babonise unotsheluza wegama elithi, **isikhukukazi**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo elisebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**kh**.
- Khomba ibhaluni yentetho.
  - Yintoni le?
  - Ikuxelela ntoni?
- Khomba kuphawu lwesikhuzo. Yintoni le? Ikuxelela ntoni?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungawafunda njani la magama athi, ‘**Koo**! **Koo**!’? (*Ngokukhwaza – savusa isigebenga.*)

Isigebenga saleqa uMajeke. Ngethamsanqa umama kaMajeke wawugawula umthi.

**Iveki yesi-6**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kwisigebenga?
- Kutheni uMajeke nomama wakhe bengazange baphinde bahlupheke?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba ibhaluni yentetho. Yintoni le? Ikuxelela ntoni?
- Khomba igama elithi, **saleqa**.
- Khangelani amagama anesandi u-**th**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungawafunda njani amagama esigebenga? (*Ngokukhwaza nangokungqokola.*)
- Ucinga ukuba kwakulungile ukuba uMajeke abe isikhukukazi segolide kwisigebenga? Nika isizathu.
- Ingaba libali lokwenyani eli? Lenzeka ngokwenyani okanye ngumbono nje?
- Bonisa bonke oonotsheluza bale veki. Funda oonotsheluza ngokukhawuleza.




UMajeke nomama wakhe zange baphinde bahlupheke kwakhona.

# Kufumaneka phi ukutya?

| Okunye ukutya kufumaneka kwizityalo. | | |
|---|---|---|
| Iziqhamo | Imifuno | Iinkozo |
|  |  |  |
|  |  |  |

| Okunye ukutya sikufumana kwizilwanyana. | | |
|---|---|---|
| Inyama | Imveliso | Intlanzi |
|  |  |  |
|  |  |  |

**Iveki yesi-7**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Hlaziya iinxalenye zesityalo.
- Zeziphi iindawo esizityayo? Nika imizekelo.

**Ukufunda**
- Jonga kule theyibhuli.
  - Ubona okuphi ukutya?
  - Funda izihloko. Kuhlelwe njani oku kutya?

**Emva kokufunda**
- Ingaba le yimveliso yezityalo okanye yezilwanyana: umgubo wombona? isonka? ipoloni? isonka samasi? isipinatshi?
- Zoba izangqa ezibini ebhodini uhlele ezintlobo zokutya (jonga kwiNT Iph. 80).

# Isuphu emnandi nembi

Umama uthi, "Jonga le mifuno, ndiza kwenza isuphu namhlanje."



"Nathi siza kwenza isuphu," utsho uVusi, uFanele kunye noBhabha.

**Iveki yesi-7**

**UkuFunda noTitshala**

Amanye amabali made kakhulu, akanakufundwa ngemini enye. Ungama xa kuphela ixesha ze uqhubeke apho uphele khona ngemini elandelayo. Eli libali elide kakhulu, liza kuthatha iiveki ezimbini.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Uza kusebenzisa ntoni umama ukwenza isuphu? (*Zibize zonke iintlobo zemifuno.*)
- Ucinga ukuba abantwana baza kwenza isuphu yokwenyani okanye baza kwenza ngathi benza isuphu? (*Chaza ukwenza ngathi.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala amagama, **imifuno** no-**isuphu**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo asebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**bh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Uqaphela oluphi uphawu lokubhala?
- Uwafunda njani amagama akwiimpawu zokuthetha? (*Kube ngathi umntu uyathetha.*)
- Wakhe wancedisa ekwenzeni isuphu? Wenza ntoni?

# UVusi ufumana izinto ezimbi aza kuzigalelela kwisuphu yakhe.



Uzenzele isuphu embi izigebenga.

**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ufaka ntoni uVusi kwisuphu yakhe embi?
- Kutheni le suphu ingeyiyo eyokwenyani? (*Abantwana abayityanga.*)
- Ngubani oza kutya isuphu kaVusi embi?
- Ingaba izigebenga zizinto zokwenyani okanye ngumbono nje? (*Ngumbono wasezincwadini okanye kumboniso bhanyabhanya.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa unotsheluza wegama elithi, **embi**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo elisebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**ph**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wazibona izigebenga encwadini okanye kumabonakude? Zazikhangeleka njani?

“Siyayithanda isuphu yakho!” zakhwaza izigebenga.




**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni izigebenga zifuna ukutya isuphu kaVusi?
- Sesiphi esi sandi izigebenga zisenzayo xa zisitya isuphu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba igama elithi, **sikhohlakale**.
- Khangelani igama elinesandi u-**hl**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungawabiza njani amazwi esigebenga?
- Ingaba uyazoyika izigebenga?

“Gubhu, gubhu, bila nkathazo!” zakhwaza. “Le suphu isenza sikhohlakale sibebabi!”

UFanele ufumene iintyatyambo, amaqunube kunye namagqabi.



UFanele wenzela oonomabhabhathane isuphu emnandi.

Iveki yesi-7

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ingaba uFanele ufumana ntoni egadini yokwenza isuphu yakhe?
- Wenza intlobo enjani yesuphu?
- Wayenzela bani?
- Yintoni unomabhabhathane? (*Zizilwanyana ezincinci ezinemilingo, ayizezokwenyani.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa unotsheluza wegama elithi, **emnandi**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo elisebalini.
- Khangelani igama elinesandi u-**bh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wawukhe wababona oonomabhabhathane encwadini okanye kumabonakude? Bakhangeleka njani?
- Ingaba oonomabhabhathane zizinto zokwenyani okanye ngumbono nje?

“Siyayithanda isuphu yakho!” batsho oonomabhabhathane.




“Enkosi Fanele,” batsho oonomabhabhathane. “Nanku umsesane wakho.”

**Iveki yesi-8**

**UkuFunda noTitshala**

Kwiveki ephelileyo sifunde ibali elide malunga nesuphu. Kule veki siyaligqibezela. Masikhumbuzane ngokwenzekileyo ze siqhubekeke sibone ukuba liphela njani.

**Thethani ngebali emva koko niqhubeke nephepha lama-36.**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kwenzeke ntoni ebalini ukuza kuthi ga ngoku?
- Bathini oonomabhabhathane kuFanele?
- Bamnika ntoni oonomabhabhathane uFanele?
- Benza ingxolo enjani oonomabhabhathane xa babesitya isuphu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba igama elithi, **umsesane**.
- Khangelani igama elinesandi u-**s**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungawalinganisa njani amazwi oonomabhabhathane?
- Ingaba oonomabhabhathane banobubele okanye bakhohlakele?
- Uyabathanda oonomabhabhathane? Ngoba kutheni?

UBhabha ufumana isitya seplastiki, ibhiskithi, isihlangu sikanodoli nokutya kwenja.



UBhabha wenzela oonodoli bakhe isuphu yomdlalo.

**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ufaka ntoni uBhabha kwisuphu yakhe?
- Ingaba izinto ezifakwa nguBhabha kwisuphu yakhe ziyilungele isuphu? (*Hayi, asityi zihlangu zikanodoli okanye kutya kwenja kwaye neebhiskithi azifakwa esuphini.*)
- Uyenzela bani isuphu yakhe?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa unotsheluza wegama elithi, **yomdlalo**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo elisebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**dl**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Wakhe wayenza into ehlekisayo? Yayi yintoni?
- Zeziphi ezinye izinto ezihlekisayo ezenziwa ziintsana/ngoobhabha ngamanye amaxesha?

“Ndiyayithanda isuphu yakho, Bhabha!” utsho umama.

**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Uthini umama kuBhabha?
- Wongeze ntoni umama kwisuphu kaBhabha?
- Ucinga ukuba umama uyithanda ngenene isuphu kaBhabha?
- Ucinga ukuba kutheni umama exelela uBhabha ukuba uyayithanda isuphu yakhe?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba igama elithi, **ndicinga**.
- Khangelani amagama anesandi u-**nd**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ukhe ngamanye amaxesha udlale imidlalo yokuzenzisa nabanye abantwana?



“Kodwa ndicinga ukuba ifuna intwana yetyuwa.”

Ngelo xesha umama ufaka iminqathe, itswele, iitumato kunye neetapile kwisuphu yakhe.



**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Bathini abantwana kumama?
- Kulo mfanekiso, benza ntoni abantwana?
- Kutheni ucinga ukuba abantwana bayayinambitha isuphu kamama?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba igama elithi, **ngelo xesha**.
- Khangelani amagama anesandi u-**sh**.


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi sokuqala unqumame ukuba kukho isiphumlisi.
- Uyayithanda isuphu?
- Uyitya phi isuphu?
- Ungathanda eyiphi imifuno kwisuphu yakho?

"Siyayithanda isuphu yakho, mama!" batsho abantwana.

# Izimuncu-muncu ezinesondlo

Xa silambile okanye sinxaniwe, singakhetha izimuncu-muncu ezisempilweni kunezingekho sempilweni. Ukutya okunempilo kunceda ukugcina imizimba yethu yomelele. Izimuncu-muncu ezifana ne-ayisikrim, iilekese, neziselo ezihlwahlwazayo azikho sempilweni. Aba bafundi beBanga loku-1 baphawule izimuncu-muncu ezisempilweni abazithandayo.

| | Sipho | John | Mavis | Thoko | Ron | Neo |
|---|---|---|---|---|---|---|
|  | ✓ | | ✓ | | ✓ | ✓ |
|  | | ✓ | | ✓ | | |
|  | | | | | | |
|  | | ✓ | | | | |
|  | | | ✓ | | | ✓ |
|  | | | ✓ | | | |
|  | ✓ | | | | | |
|  | | ✓ | | ✓ | | |

**Iveki yesi-8**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Ubukhe wasifumana isimuncu-muncu ngexesha lekhefu?

**Ukufunda**
- Jongani le theyibhile. Sisebenzisa iitheyibhile ukubonisa ulwazi ngendlela eyenza kubelula ukuluqonda.
  - Ikholamu yokuqala ibonakalisa umfanekiso wezimuncu-muncu ezisempilweni. Wawukhe watya eziphi kuzo?
  - Kukho amagama abantwana abathandathu kwezinye iikholamu. Ngoobani amagama abo?
  - Umntwana ngamnye ubeka u-✓ecaleni kokona kutya akuthandayo. Sesiphi esona simuncu-muncu sithandwe kakhulu nguMamello? (*kuphinde oku ngabanye abantwana*)

**Emva kokufunda**
- Sesiphi esona simuncu-muncu sithandwayo?
- Sesiphi isimuncu-muncu esingathandwayo?

# Iintlobo-ntlobo zokutya ezintlanu


Jonga kwimenyu yesikolo yabafundi, ukhangele ukuba ikhona na into abayifumanayo kuhlobo ngalunye kule veki.

## Imenyu yeveki: Isikolo iJabulani

| | |
|---|---|
| **Mvulo:** | iPilchard nepapa |
| **Lwesibini:** | umngqusho oneembotyi nesipinatshi |
| **Lwesithathu:** | umvubo, neebhanana |
| **Lwesine:** | isityu nerayisi |
| **Lwesihlanu:** | isuphu yemifuno nesonka |


iziqhamo


imifuno


iimveliso zobisi


iproteyni


iinkozo

**Iveki ye-9**
**IzaKhono zoBomi**

**Phambi kokufunda**
- Singakuhlela ngeendlela ezahlukileyo ukutya.
- Zeziphi iindlela esesikuhlele ngazo ukutya? (*okusempilweni/okungekho sempilweni; iimveliso zezityalo/zezilwanyana*)

**Ukufunda**
- Jonga le phowusta.
  - Lithini igama lesikolo?
  - Chaza amaqela okutya amahlanu? Iqela ngalinye linceda imizimba yethu ngendlela ekhethekileyo.
  - Ndixelele ngokutya okufumaneka kwiqela ngalinye.
  - Ingaba leliphi iqela lokutya abatye kulo abafundi ngoMvulo? NgoLwesibini? njalo njalo.

**Emva kokufunda**
- Cinga ngokutya ubukuphethe esikolweni izolo. Ubuphethe ntoni?
- Ungakufaka kweli phi iqela lokutya.

# Ukwenza isaladi yeziqhamo

## Izinto oza kuzisebenzisa:

- iziqhamo
- ijusi ye-orenji



**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Baza kwenza ntoni abafundi?
- Baze neziphi iziqhamo?
- Ingaba yingxaki xa abafundi beze neziqhamo ezifanayo?
- Wakhe wayitya isaladi yeziqhamo? Yayinjani incasa yayo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala amagama athi, **iziqhamo** no-**isaladi**. Wabize la magama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo asebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**qh**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Sesiphi esona siqhamo osithanda kakhulu? Ngubani omnye othanda eso siqhamo?
- Eli bali limalunga nesaladi yeziqhamo. Zeziphi ezinye iintlobo zesaladi ezikhoyo?
- Ingaba isaladi iyaphekwa? Ingaba ishushu?




Umntu ngamnye uza nesiqhamo sibe sinye.

# Izinto ozisebenzisayo:

- isitya esikhulu
- ibhodi yokunqunqela
- icephe elikhulu
- imela
- iikomityi ezincinci okanye izitya kunye namatispuni





# Umntu ngamnye uza nesitya esincinci kunye netispuni.

Iveki ye-9

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Zeziphi izixhobo zasekhitshini ekufuneka benazo abantwana?
- Ucinga ukuba baza kwenza ntoni ngesixhobo ngasinye abasithathe ekhitshini?
- Kutheni abantwana kufuneka beze nesitya seplastiki netispuni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa unotsheluza onegama elithi, **sitya**. Libize igama. Tshatisa unotsheluza negama elifana nalo elisebalini.
- Khangelani igama elinesandi u-**nc**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Zeziphi izixhobo ozaziyo zokusebenza zasekhitshini?
- Zeziphi owakhe wazisebenzisa? Wawuzisebenzisa kwintoni?

# Masenze isaladi yethu:

1




Sihlamba izandla zethu size sihlambe neziqhamo.

2




Sixobula i-orenji, iibhanana kunye nenarityisi.

3



Utitshala wethu unqunqa iziqhamo.

4




Udibanisa iziqhamo neswekile. Ndigalela ijusi ye-orenji.

**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni eyokuqala eyenziwe ngabantwana?
- Kutheni benze yona kuqala?
- Chaza ezinye izinto zibene abazenzileyo ukwenza isaladi yeziqhamo.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Bonisa oonotsheluza bala magama athi, **nqunqa** no-**xobula**. Wabize amagama. Tshatisa oonotsheluza namagama afana nawo asebalini.
- Khangelani amagama anesandi u-**hl**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungakwazi ukukhumbula zonke izinto ozisebenzisayo ukuze wenze isaladi yeziqhamo?
- Ucinga ukuba kuyimpilo ukutya isaladi yeziqhamo? Chaza ukuba kutheni kulungile okanye kungalunganga?

# Isaladi yethu yeziqhamo ilungele ukutyiwa.




**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Benzani abantwana?
- Wazi njani ukuba bakonwabele ukutya isaladi?
- Ufunde ukuba yenziwa njani isaladi yeziqhamo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Funda amagama ngokukhawuleza nangotyibiliko.
- Khangelani amagama anesandi u-**nd**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Zeziphi iziqhamo ongazisebenzisa ukwenza isaladi? Kutheni usitsho?
- Uzithenga phi iziqhamo?
- Zeziphi iziqhamo ezityaliweyo apho uhlala khona?

# Imnandi!

